# VAKALISA ULUVO LWAKHO!
# IZILUNGISO EZENZIWE KWISICWANGCISO ESIHLANGENEYO SOPHUHLISO SIKA-2014/15

ISixeko saseKapa sihlaba ikhwelo lezimvo zoluntu ngezilungiso ezenziwe kwisiCwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso sika- 2014/15. Ezi ziphathelele kwizilungiso ezongezelelweyo ngokwentlanganiso yomhla wama-28 Meyi 2014.

Ngokwecandelo 17 loMthetho ojongene neeNkqubo zikaMasipala woRhulumente weNgingqi uMthetho 32 ka-2000, uluntu kwakunye namaqela anomdla anikwa ithuba lokungenisa izimvo, izindululo kumasipala ukususela ngomhla wama-25 Agasti ukuya kowama-26 Septemba 2014.

Izimvo nezindululo zingangeniswa ngezi ndlela zilandelayo:

- Ifeksi: 086 514 9938
- I-imeyile: idp@capetown.gov.za
- Izingeniso ezibhaliweyo: Kumgangatho we-15, kwiZiko leeNkonzo zoLuntu laseKapa, 12 Hertzog Boulevard
- (Zenzelwe ingqalelo: uMlawuli We-Ofisi ye-IDP)
- SMS: 'idp' kulandelwa luluvo kwa-31766
- Facebook: www.facebook.com/CityofCT
- Ukungeniswa kwii-ofisi zebhungana

Iyunithi yeSixeko saseKapa ejongene noThatyatho-nxaxheba luLuntu iza kuncedisa abantu abangakwaziyo ukufunda nokubhala, abantu abakhubazekileyo nabantu abavela kumaqela ahlelelekileyo abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo, ukuba izimvo zabo zibhalwe zize zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana naba bantu balandelayo:

Ngothatyatho-nxaxheba loLuntu Jikelele:
Ruché Daniels kwa-021 400 1766 okanye uthumele i-imeyile ruche.daniels@capetown.gov.za

Ngamaqela ahlelelekileyo:
Anele Viti kwa-021 400 1652 okanye uthumele i-imeyile anele.viti@capetown.gov.za

Izilungiso ezenziwe kwisiCwangciso soPhuhliso ngokuHlangeneyo sika-2014/15 (IDP) ziza kufumaneka kwa-www.capetown.gov.za/haveyoursay, kwii-ofisi zamabhungana nakumathala eencwadi.

**Jolisa imibuzo kuMbuthokazi Kubashe kwa-021 400 9808 okanye uthumele i-imeyile idp@capetown.gov.za**

ACHMAT EBRAHIM
UMPHATHI WESIXEKO
155/2014

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**